Isalathiso: 20201027-9093
Inombolo yefayili: 12/2/11/5/2
Imibuzo: A Du Toit

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0008/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziiprayimari kunye nezikolo ezidibeneyo

Isihloko: UkuBonelelwa ngeziCwangciso zokuFundisa nezoVavanyo kwiBakala R

1. Ukufundisa ngobuchule kuqala ngokucwangcisa kakuhle okusebenza njengenkqubo-sikhokelo yokuba:
   - utitshala asebenzise iindlela zokufundisa *(pedagogies)* ezigxininisa kumfundi nezisebenzisa ukuzikisa ukucinga, nokuba
   - iKomiti yoLawulo yeSikolo (*School Management Team*) (*SMT*) iqinisekise ukuqhubeka nophuhliso lolwazi, izakhono neendlela zokucinga (*attitudes*) kunye neemfundiso ezisisiseko (*values*) kuwo onke amabakala/kwizigaba ngokunjalo novavanyo olubonelela ngobungqina bezinto akwaziyo ukuzenza kakuhle (*strengths*), izinto angakwazi kuzenza ncam namanyathelo alandelayo ekufundiseni nasekufundeni.

2. Ukunika inkxaso oku, aBacwangcisi beKharityhulam aBakhulu (*Senior Curriculum Planners*) naBacebisi ngeZifundo benze iziCwangciso zokuFundisa nezoVavanyo (*Teaching and Assessment Plans*) kwisifundo ngasinye nakwibakala ngalinye. Ezi zicwangciso ziyangqinelana neeNkcazo zomGaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statements*) kwaneenguqu zakutshanje kwiimfuno ezingummiseo zovavanyo oluqhubekela esikolweni (*school-based assessment*) (*SBA*). Izicwangciso zamaBakala 1–12 zathunyelwa ezikolweni ngoJanuwari 2020 kwiSetyhula 0002/2020, yowe-31 Januwari 2020.

3. ABacwangcisi beKharityhulam aBakhulu naBacebisi ngeZifundo kwiSigaba seSiseko ngoku kwakhona benze iziCwangciso zokuFundisa nezoVavanyo zeBakala R eziza kuqalisa ukusetyenziswa ngoJanuwari 2021.

4. Kulindeleke ukuba bonke ootitshala basithobele isicwangciso sesikolo ekuvunyelwene ngaso ekugqibeleni kwisifundo, kwibakala nakwisigaba ngasinye. IziCwangciso zokuFundisa nezoVavanyo kufuneka kwakhona zisetyenziswe yi-*SMT* ukunika inkxaso nokuphucula umgangatho wokufundisa kwiklasi nganye, ngokuncedisa:
   - ekukhetheni izibonelelo zoncedo ezifanelekileyo kunye/okanye imisebenzi yokufunda eyongezelelweyo,
   - ekucebiseni ootitshala ngolwazi abafundi abasele benalo olufanele izihloko zezifundo ezithile,
   - ekudibaniseni iThekhinoloji yoNxibelelwano lweNgcaciso (*Information Communication Technology*) ukuphucula ukufundisa nokubethelela nzulu ukufunda,
   - ekubekeni esweni nasekulandeleleni ipesenti yekharityhulam efundisiweyo kwanokuba iqhutywe i*SBA* kwayokuphelwa ndawoni na.

5. Ukuba neziCwangciso zokuFundisa nezoVavanyo ezicacileyo kwanokuqinisekisa ukuba ukubekwa esweni ngempumelelo nokunika inkxaso kuyinxalenye yenkqubo yesikolo yesiqhelo, kuya kunceda ekuphumezeni umbono weSebe leMfundo leNtshona Koloni, ongulo: Imfundo esemgangathweni kumntwana ngamnye, kwiklasi nganye, kwisikolo ngasinye, kwiphondo. Njengoko kuphuculwa ukucwangcisela ukusetyenziswa kwezicwangciso zokufundisa ezitsha (*innovative teaching strategies*) kunye nemisebenzi yovavanyo ethembakeleyo, oko kuya kunceda ekubuyiseleni uvuyo nolonwabo ekufundiseni nasekufundeni.

6. Kucelwa iinqununu ukuba zibonelele ngezi ziCwangciso zokuFundisa nezoVavanyo kubo bonke ootitshala/kwiiprakthishina kwiBakala R yaye zibanike inkxaso (ngoncedo lwe*SMT*) ukwenzela ukuqalisa ukusebenzisa izicwangciso zabo zekota nezonyaka. Kulindeleke ukuba inqununu njengenkokeli ekufundiseni (*instructional leader*) yesikolo iya kuwacacisa la maxwebhu nezi nkqubo kwi*SMT* nakootitshala. Ngokwetyisa iingcamango qho, nokuba bakwenza oko njengootitshala ngabanye okanye njengekomiti yezifundo, izikolo ziya kuba nako ukuphucula umgangatho wokufundisa. Kukhuthazwa ngokungaphezulu iinqununu ukuba zibeke esweni ukuqaliswa kokusetyenziswa kwezi zicwangciso ngokuzifaka kwi-ajenda yeentlanganiso zabasebenzi zarhoqo.

7. Kunokungenwa kwiziCwangciso zokuFundisa nezoVavanyo ngeelinki ezinikiweyo kwisiHlomelo A.

8. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala/iiprakthishina zeBakala R kwaneentloko zezifundo zeSigaba seSiseko ukuze zikuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
ISEKELA USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-11-05